basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## NOVEMBA 2018

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha angama-28.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

   ICANDELO A: Inoveli (35)
   ICANDELO B: Idrama (35)
   ICANDELO C: Amabali amafutshane (35)
   ICANDELO D: Isihobe (35)

4. Phendula IMIBUZO emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| | | |
|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' Uphandle* | 35 | 8 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 11 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 14 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 18 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Umntu Akalahlwa' | 18 | 22 |
| | | |
| 6.2 'Izibhovubhovu zaseBhayi' | 17 | 24 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Lala njalo ke Madib' omkhulu' | 18 | 25 |
| | | |
| 7.2 'Intambanane' | 17 | 27 |

**ITSHEKHLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI. Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| **IICANDELO** | **IINOMBOLO ZEMIBUZO** | **INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO** | **PHAWULA (√)** |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>*(Kusa Kusihlwa)*<br>*(Umqol' uphandle)*<br>*(Umonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Umntu Akalahlwa')<br>('Izibhovubhovu zaseBhayi') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Lala njalo ke Madib' omkhulu')<br>('Intambanane') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' Uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

'Njengokuba uLungile efile nje kunyanzelekile ukuba izinto zibuyiselwe kokwazo. Kakade naye wayengene ngondlelamnyama. Ndanditshilo ndathi imini iya kuze ibe nye,' waqokela uNozililo.
'Hayi kanti wawutshilo Nozi, wangathi uyavumisa,' wasekela uMamtolo.
'Ndanditshilo nangoku. Kaloku thina asilalanga njengokuba nina nithurha ubuthongo nje. KuseThekwini apha. Iza kuvuthuluka iphele nya le venkile, singayifumani sobabini ukuba kuphelele kule nto.'
'Kodwa ke ndingakuqhawuli Nozi, nicinga ukuba izinto ziza kuhamba lula usekho nje umlibo kaLungile?' wabuza uMamiya.
'Kaloku ndisithi kuni masihlabele mgama nje yiloo nto kanye. Ndinibizele ukuba size kubonela icebo laa mgqutsubana womntwana kuthiwa nguMpumelelo. Sele evakele amarhe okuba eliya lifa liza kushiywa kuye. Ukuba kwelo lifa bamthembise ngalo badibanisa nalaa venkile ngathi naye usaza kulandela abazali bakhe,' waqokela uNozililo.
'Ke, Nozi, uthi makathiweni?' wabuza uMamiya. 'Kaloku thina mfazi singuwe, silapho ukhoyo. Nokuba uthi makuse engekho sinawo amacebo.'
'Inene asinto ithandatyuzwayo leyo Gcwanini,' wangqina uMamtolo.
'Noko ndithi ngesi sizathu nje sokuba kusandul'ukufa abazali bakhe, masingakhawulezi simbonele amacebo okumdlulisa ngaphaya kwamafu kwangoku. **Mna bendinengcamango yokuba aphambane**, abe yinto nje efana nesithunzela, athi kuloo mpambano yakhe abhangazeke angazi nalapho aya kufela khona.' Watsho uNozililo.

1.1.1 Kutheni uNozililo esebenzisa igama 'kokwazo' elikrwelelwe umgca ngaphantsi xa abhekisa kwezi zinto athetha ngazo? (2)

1.1.2 Cacisa ukuba kutheni le ntetho ilandelayo ingeyonyani.

Kakade naye wayengene ngondlelamnyama. (2)

1.1.3 (a) Xela ukuba siloluphi udidi isafobe 'okumdlulisa ngaphaya kwamafu' esikumgca we-19. (1)

(b) Nika intsingiselo yaso ngokwakwisicatshulwa. (2)

1.1.4 Ingaba waphumelela umnqweno kaNozililo wokuba abhangazeke uMpumelelo? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.5 Xela ukuba isukela entwenini le ncoko ikwesi sicatshulwa. (2)

1.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) 'Kaloku mfazi naxa yona iyeyakwaMakhwetshu ngemveli iincwadi zona zalatha ukuba yeyakwaNtsibande.' | (i) UNomakhwezi |
| (b) 'Awu, tata kutheni undixelela ezi zinto nje uyaphi wena?' | (ii) UNtongana |
| (c) 'He wethu Lungile, uzama ukundixelela ukuba andinangqondo, andibhadlanga, andiyazi into endiyithethayo?' | (iii) UNozililo |
| | (iv) UMpumelelo |

(3 x 1) (3)

1.1.7 Xela ukuba umxholwana okwesi sicatshulwa welifa lwakwaNtsibande uwuphuhlise njani owona mxholo webali othi 'Impumelelo ayizi lula'. (2)

1.1.8 Ngqina ukuba le ntetho kaNozililo ibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa isikrobisa kokuza kwenzeka ebalini. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

Emva kokuba kwenziwe amatheko kaMpumelelo ndawo-nye nokunikwa intsikelelo kwivenkile yakhe, izinto zibonise inguqulelo. Ivenkile yathanda ukuba nabantu abaninzi ngokumangalisayo, izale lide litshone ilanga. Le nto yenza ukuba uThamsanqa aqeshe abanye abantu bokumncedisa. Yayiqwela ukuzala ngempela-veki nangeeKrismesi. Nala nto kwakuxambuliswana ngayo yaduka esithubeni kuba amagqwetha kaNozililo aminxwa kukulahleka kobungqina neencwadi zemvumelwano phakathi kukaSondlo noMosia. Kwaba nzima ngakumbi akungafumaneki uMosia. Zaba ezo mali zikaNozililo nomyeni wakhe ziyatshona.

Sigqibelene nabo bevalelwa ngesityholo sokuncedisa nokuyila iyelenqe lokutshisa ivenkile kaMpumelelo. Athi akuba elugqibile amapolisa uphando alifaka ityala. UNozililo wafuna igqwetha lokuba libathethelele. Ngenxa yokufa komntu owabulawa ngamapolisa, ityala lanyanzeleka ukuba liye ejajini.

Bakhanyela mpela ukuba babenento yokwenza nokuqulunqwa kweyelenqe lokutshisa. Ngenxa yokuba aba tsotsi babeqeshwe nguNozililo babeyimigulukudu eyaziwayo, kwaba nzima ukuba ingakholeleka inkcazo yabo. Negqwetha likaNozililo lavuthuza libonisa ukuba abantu abanesidima nabahlonelekileyo abanjengaba abanakuze bayenze into ephantsi olo hlobo nabantu abaziwa ngobugulukudu.

OoNozililo bayikhanyela into yokuba abevani nabantu bakwaNtsibande. Beza namangqina okubonisa ukuba babezitshomi noNomakhwezi esaphila. Baba ngalo ndlela bayaliphumelela ityala. Imigulukudu yashiyeka entolongweni idontsa iminyaka. Nakwesiya siganeko sokuhlatywa komntu emdanisweni kaMpumelelo, lakhe lafuna ukumeyama ityala kodwa nalapho walibhebhetha.

1.2.1 Ngubani owayeliliso kwivenkile yakwaNtsibande? (1)

1.2.2 Nika izizathu eziBINI ezinokubangela ukuba uthi kuyasa kubomi bukaMpumelelo ngokwakwesi sicatshulwa. (2)

1.2.3 Chaza isigwebo obunokusinika uNozililo ukuba ubuyijaji uze unike nesizathu seso sigwebo. (2)

1.2.4 Xela iimpawu zibeMBINI zesimo sikaNozililo ezinganqwenelekiyo ezityhilwa kwesi sicatshulwa. (2)

1.2.5 Nika intsingiselo yegama 'lavuthuza' ngokweli bali. (2)

1.2.6 Ingaba 'ubutshomi' bukaNozililo noNomakhwezi babunyanisekile? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.7 (a) Nika isizathu onokungqina ngaso ukuba ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Chaza ukuba esi simo sentlalo samaxesha okhanyo sisiphuhlisa njani isimo sikaNozililo. (2)

1.2.8 Cacisa indlela isihloko sale noveli esizalana ngayo nobomi bukaMpumelelo. (3)

**[35]**

**UMBUZO 2: *UMQOL' UPHANDLE* – PM Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

'Bendingavuyayo Sajini ukuba ndinganakho ukumbona kwangoku,' utsho ngelicengayo okaHlobo, ebona ukuhamba kwexesha. 'Kusekuthandeni kwakho,' uphendule etyhilekile uSajini selekhokela ukusinga kumnyango weofisi yakhe. 'Kodwa ke, ukub'ufuna ukuvuna into kuye, uzumvele ngobuchule. Ephakuphaku nje, ukwayimpempe ethetha ingayeki. Ndiyabona wena ubuphunguleka. Ungamelana nento enjalo?'

'Usazi nje nawe ndiqhele ukumelana nabantu abazimo zingaphezulu koko. Andoyiki ngokoyikiswa, Sajini.'

Ithe yakuziswa loo ntokazi wayibona naye okaHlobo ukuba ingqathuva ngenkangeleko – mhlawumbi ikwisithuba samashumi amane ubudala. Wayijonga nje okaHlobo waqonda ukuba ngu'Nongqwaza' wokwenene, into engathi yakuphathwa ivele nakweyiphi na inkalo – leyo ifike kuqala engqondweni. Ubuso bayo babumpatshampatsha oku komntu oxhwalekileyo amehlo ebomvu. Ityali egqolileyo eyayiyithe wambu emagxeni yayikhangeleka inzima, imfutha nokumfutha. Ngokuphandle yayimxakile. Yayinxibe umrhulukutyu welokhwe ehle amacala, ingqobo yento egqolileyo bubudala. Izandla zayo zazirhabaxa, zimxakile umninizo. Yayinento yokudlalisa ngeenzipho oku komntu odlala ikatala – umkhwa ekucaca ukuba yaziqhelisa wona okanye yakhula nawo. Uphakamile okaHlobo yakungena, wayikhawulela ukuya kuyibamba ngesandla. Imbambe ngezandla zozibini, yavova amadolo ukumnika imbeko, amehlo wona ethe ntaa ngathi iza kutsiba. Ithe yakwaziswa kuHlobo, yasuka yanofefe, yathi ngelizwi elinesingqala: 'Ndiyavuya ukukwazi, mnumzana … Owu, ndibhuda ndithini? Uxolo torho … Uxolo ngokuthi, mnumzana kuwe … Andikudeli … Ndithini na? …'

2.1.1 Kutheni uSajini Ngqondi esithi uHlobo kufuneka amvele ngobuchule uNkosikazi Hobe? (2)

2.1.2 Cacisa ukuba kutheni le ngcinga ilandelayo ingeyonyani.

Ndiyabona wena ubuphunguleka. (2)

2.1.3 (a) Xela ukuba silululuphi udidi isafobe '… oku komntu oxhwalekileyo' esikumgca we-13. (1)

(b) Nika intsingiselo yaso ngokwakwisicatshulwa. (2)

2.1.4 Ingaba laphumelela eli cebo likaThembisa Ntlokonkulu lokuzenza umakazi kaEddie ngokwasebalini? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.5 Xela ukuba isukela entwenini le ngxoxo ikwesi sicatshulwa. (2)

2.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| (a) | Niyazi ukuba andinamvume yakuthengisa ngotywala-ndinceda kwanina, manxilandini. | (i) | ULinda |
| | | (ii) | UMaMkheyi |
| (b) | Bendikhupha amathayala amadala, ndifaka amatsha. Uthi usisi ukuwabiza zi*Roadmasters.* | (iii) | UBumba |
| | | (iv) | UDuma |
| (c) | 'Ndiqinisekile uEddie akayiqondi nale yokuba andiphilanga.' | | |

(3 x 1) (3)

2.1.7 Xela ukuba umxholwana wabantu abakhangeleka bephungulekile uwuphuhlise njani owona mxholo webali othi 'Akukho nto ifihlakeleyo ingasayi kuvela'. (2)

2.1.8 Ngqina ukuba intetho kaMdoda awayeyibhekisa kuEddie ethi 'Emva kwezo nyanga siyahlukana nawe' isikrobisa kokuza kwenzeka ebalini. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

'Amagunya okuwuqhuba lo mbutho sawanikwa ngokwaziwa ukuba singaba nezo njongo ziphile kangako. Mna ke andikaguquki kwezo njongo. Mbungu mni wona lo wentsangu sifuna ukuwufaka ebantwini? Indawo yolonwabo nempilo singathini ukuyijika siyenze umsitho wakwaLambathayo? Intsangu inemali – nam ndiyavuma, kodwa ke ziyintoni iziphumo zayo kothe wayitshaya? **Thina bantu bantsundu silinikiwe namhlanje ilungelo lokufumana nokuthenga utywala njengezinye iintlanga** – emva kweminyaka sisikelwe imida. Eli lungelo esalinikwa kuba seyiluluvo olubanzi ukuba ukuvalelwa kwabantu kwesi siselo nangamaxesha abo okuphumla kubenza basifune ngamandla **nangondlela-mnyama**, basisele nangayiphi na indlela, sibe nobungozi obugqithileyo njalo.Ngoku nina nifuna kuphunze iinjongo ezintle zokuvulelwa kotywala. Nakuba nilifumene ilungelo lokubuthengisa ngoku nihamba ninunusa ngabo kubantu bentsangu. Ngeli lungelo lotywala nizuze indlela elula yokufumana umbulali oyintsangu. 'Yintoni yona intsangu? – umhluthi wengqondo nomonakalisi wempilo? Nifuna kwande ubugewu ngoku kanye bekupheliswa ubugewu ngokuvulelwa kotywala? Niyolelwe yintoni ekuboneni abantu bakuni bezalise ezintolongweni? Andinigwebi, ndiyanicela ukuba nizijike iingqondo zenu, nicinge ngekamva labantwana benu.'

'Besifuna u-ewe no-hayi qha, kuwe Eddie. Le ntshumayelo ubuyenza ayingeni ndawo emcimbini. Sithetha sisedwa ngoku apha – inguwe wedwa ocinga ngale ndlela yakho. Incoko yethu yanamhlanje mayiphelele apha.'

2.2.1 Ngubani uManejala wase*Moonglow Night Club* ngoku kufumaneka le *Tape Recorder* idlala le ngxoxo ikwisicatshulwa. (1)

2.2.2 Nika izizathu eziBINI zokusekwa kwe*Moonglow Night Club*. (2)

2.2.3 Chaza isigwebo obunokusinika amalungu ase*Moonglow* ukuba ubuyijaji uze unike nesizathu seso sigwebo. (2)

2.2.4 Xela iimpawu zibeMBINI zesimo sikaEddie ezinqwenelekayo ezityhilwa kwesi sicatshulwa. (2)

2.2.5 Nika intsingiselo yegama 'nangondlela-mnyama' ngokweli bali. (2)

2.2.6 Ingaba ubuhlobo bamalungu ase*Moonglow* noEddie babunyanisekile? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.7 (a) Nika isizathu onokungqina ngaso ukuba ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Chaza ukuba esi simo sentlalo samaxesha okhanyo sisiphuhlisa njani isimo sikaEddie. (2)

2.2.8 Cacisa indlela isihloko sale noveli esizalana ngayo nezenzo zabalinganiswa abangamalungu ase*Moonglow*. (3)

**[35]**

## UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Kwathi kuba uThandabantu wayengafuni mntwana apho evenkileni noba uyancedisa na, wathanda ukumzimela uMonwabisi xa ekho apho phakathi kwevenkile uRhadebe. Wawungafika sele efunde amaqhinga okumphepha, athi xa inqwelo yemithwalo iza kuphuma abaleke ngokungathi uyazidlalela aye kuyilinda loo nqwelo kwindawo esitheleyo apho evenkileni ukuze angabonwa xa akhwelayo.
Wayekhangelwa ancanywe xa kuza kutyiwa isidlo sangokuhlwa engabonakali apho akhoyo, kanti ukwelinye laloo magumbi abasebenzi balapho wonwabile ulibele tu ngokutyiwayo. Yena uMamTolo yayingamhluphi loo nto kuba ke yayibonakalisa ukuba ngenene uyazazi ukuba usiso isicaka uMonwabisi, kodwa wayesilwa abe bomvu xa athe wabhaqa abantwana bakhe bejinga-jinga phakathi kwezicaka, ngabula yena. Ithuba apho wayethi axakaniseke kukungamfumani uMonwabisi kungexesha mhlawumbi xa afuna ukumthuma. Wawungambona ke xa amdla ngamazinyo emshwabulela emfanisa naso sonke isilo esilivila apha emhlabeni. Apho ke wayethi afumane ukuphumla nokonwaba azive ekwelokugqibela izulu uMonwabisi, wayefika ibe yinto ehlekwayo loo nto yokuba ngqwabalala kwakhe uMamTolo ufike sele ethiywa amagama ayileyo kuloo nto babembona eyiyo kubo. Babemthiye igama lokuba ngu'Nogqwashu' okanye bambize ngokuba sisiporho sasevenkileni. Kungoko ke wathi noxa aphatheke kakubana uMonwabisi angaziva ehleli kabuhlungu apho, kuba wayeye aziphindezele ngokumhleba ngaloo magama abizwa ngawo uMfingokazi lo.

3.1.1 Kwakutheni ukuze uMonwabisi akhulele kwaThandabantu? (2)

3.1.2 Cacisa ukuba kutheni uluvo olulandelayo lungeyonyani.

UMamTolo yayimhlupha into yokuba uMonwabisi ahlale kumagumbi abasebenzi. (2)

3.1.3 (a) Xela ukuba siloluphi udidi isafobe '… amdla ngamazinyo' esikumgca we-14. (1)

(b) Nika intsingiselo yaso ngokwakwisicatshulwa. (2)

3.1.4 Ingaba waphumelela uMamTolo ekuqeqesheni kakuhle abantwana bakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.5 Xela ukuba sasisukela entwenini isigqibo sikaMonwabisi sokufuduka eNtshiqo ayokuhlala edolophini. (2)

3.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) 'Ngamanye amagama uya kuvumelana nabo nokuba bathi thengisani yonke into ukuze nohlulelane ngemali?' | (i) UThandabantu |
| (b) 'Yimfobe yantoni na ngoku ungaphilanga nje Hlubi, uyandoyikisa mna kaloku.' | (ii) USamkelo Zangone |
| (c) 'Kube ngathi ngaloo misebenzi yam bendiyenza bendinyeke imbuyekezo ngayo.' | (iii) UMonwabisi |
| | (iv) UMaMtolo |

(3 x 1) (3)

3.1.7 Xela ukuba umxholwana wempatho-mbi kumntwana ongengowakho uwuphuhlisa njani owona mxholo webali othi 'Ekunyamezeleni ukho umvuzo'. (2)

3.1.8 Ngqina ukuba isenzo sikaMonwabisi sokuthanda ukuncedisa evenkileni kaThandabantu sikrobisa kokuza kwenzeka ebalini. (2)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Wasebenza nzima uThandabantu ejongene naloo mashishini akhe eyedwa sele engasathembi namnye umntu kwabo babeshiyekile apho kwakhe. Kwathi esesentlungwini yokubhujelwa ngunyana wakhe wabe etyholwa ngokumbulala lo nyana, kwabe kwelinye icala evumbulula ukunganyaniseki kwabasebenzi ebebathembile. **Zonke ezi zinto zamtsho wadideka akazi anokukwenza**. Umdla emsebenzini wakhe wamphelela tu, asuka loo mashishini akhe anomdintsi nakuye yena mnini wawo. Kwakukho awayekhe agqibe iintsuku eziliqela engakhange avulwa. Nalawo athe abe avuliwe wawufika elila ibhungane etsho ngesithunzi esoyikekayo. Naloo venkile yodumo lwamhlamnene awayeqale kuyo, ngoko ke eyixabisile, yayisele **ilibhodlo** elidala. Iindonga zayo zazixobuka, nelo gama layo libhalwe ngemibhalo emikhulu lalisele lingaphelelanga abanye oonobumba bewile ngumoya. Elo hlathi laliyinxusile layitsho yanesithunzi isoyikeka, ingakumbi kubantwana bona bantu basoloko bequqa bethunywa apho. Babengasayi kuyo sele ke nabo benamabalana ngelo hlathi bephatha kubalisa ngezinto ezoyikekayo abazibone apho ehlathini. Nabazali ke bayeka ukubathuma apho bebathumela kwiivenkilana ezikwalapho elalini ezathi zamana ukuvela ngokuhamba kwethuba. Loo masimi ayemzisela isivuno esihle kunene ngaphambili ayeqhuma umoya kukungalinywa sele enziwa amabala okudlalela imidlalo yebhola eyohlukeneyo lulutsha.
Zonke ezi zinto zisonakala nje uRhadebe akasemtshanga, loo mandla akhe aziwayo sele emshiyile kuba wayesemashumi mahlanu anesibhozo ubudala.

3.2.1 Ngubani lo nyana kaThandabantu ubhubhileyo? (1)

3.2.2 Nika izizathu eziBINI zokuba uThandabantu athathe isigqibo sokusebenza yedwa kumashishini akhe. (2)

3.2.3 Chaza indlela obuya kumonyula ngayo umntu wokuphatha amashishini kaThandabantu ukuba ubuligqwetha lakhe uze unike nesizathu saso. (2)

3.2.4 Xela iimpawu zibeMBINI zesimo sikaThandabantu ezinqwenelekayo ezityhilwa ebalini. (2)

3.2.5 Nika intsingiselo yegama 'ilibhodlo' ngokwesicatshulwa. (2)

3.2.6 Ingaba imvano yabasebenzi noThandabantu yayinyanisekile? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.7 (a) Nika isizathu onokungqina ngaso ukuba ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Chaza ukuba esi simo sentlalo samaxesha okhanyo sisiphuhlisa njani isimo sikaThandabantu. (2)

3.2.8 Cacisa indlela isihloko sale noveli esizalana ngayo nezenzo zomlinganiswa onguMonwabisi. (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| NDILA: | Funie girl! *(Ebulisa)* |
| FUNEKA: | Hallow Dicksie. Uyazi ukuba kule mihla usuke wanqaba wachasela okwethamsanqa. Inene ndibe uphindele esuthwini. |
| NDILA: | Kanene ufane uthethe wena. Uyandihleka kuba ndiphelelwe emsebenzini? Ngenye imini uya kuze uqonde ukuba ubomi ngumxube wezothuso namayeyeye. |
| FUNEKA: | Hayi wethu, musa ukulixhoma epalini iswili lakho. Asinto sakulala sitye yona leyo. Into elungileyo kukufuna umqolomba ungene kuwo ngexesha lezothuso uphume ngethuba leziqabu. |
| NDILA: | Kungenzeka ukuba ndize kungena komnye. |
| FUNEKA: | Ulumke hlez' uthi kanti lo sowubhudl' umoya. |
| NDILA: | Noko andicingi ukuba ndingashiywa nanguwe enyanyeni. Uncedo lufumaneka kwabasemzini kunabasekhaya. |
| FUNEKA: | Ukuba ufuna imali utsho ebhatyini mtshana. |
| NDILA: | Kuwe imali yinto yonke and like all gold diggers, you will fold up your tent and desert the mine that has given you comfort and position when its yield ceases to be of commercial value. |
| FUNEKA: | Hayi wethu ndiyaqhula. |
| NDILA: | Uyaqal' ukuthetha. Uyayazi into yokuba ndiphelelwe emsebenzini kwaye ndicinga ukuba uyazazi nezizathu. |
| FUNEKA: | Lilonke? |
| NDILA: | Uthando malube nemisebenzi, le mpahla ikule ndlu iyathetha. Ubumnandi balo mcimbi yinto yokuba into yokuthandana kwethu lihlebo lethu (*watsho emwola*). Look, Funie girl, umdlalo uwuqhelile sondeza uMawonga, izabatha zaziwa nguwe. |
| FUNEKA: | Ndakuyibambisa intaka leyo, ndiyithini? |
| NDILA: | **Yixhwithe iintsiba, kuba buyaphela ubuntaka bayo zakuvuthuluka iintsiba.** |

4.1.1 Kutheni uNdila embiza 'Funie girl' uFuneka ngale mini? (2)

4.1.2 Cacisa ukuba kutheni le nkcaza ilandelayo ingeyonyani.

UFuneka akukho nto wayekhe wayenzelwa nguNdila. (2)

4.1.3 (a) Xela ukuba siloluphi udidi isafobe 'Yixhwithe iintsiba' esikumgca wama-27. (1)

(b) Nika intsingiselo yaso ngokwakwisicatshulwa. (2)

4.1.4 Ingaba yaphumelela injongo kaNdila yokuza kufuna uncedo kuFuneka ngale mini? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.5 Xela ukuba isukela entwenini le ncoko ikwesi sicatshulwa. (2)

4.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| **KHOLAM A** | **KHOLAM B** |
|---|---|
| (a) Papa, ukuba ndinokuthi kuwe ndizele neqhiya enamasondo asixhenxe ungathini? | (i) UJerry |
| (b) Kudala bawo ndikuxelela ngoLoni ochitha isikolo. | (ii) UZanele |
| (c) Boys and girls namhlanje sivuyisana nomkhaya wam. | (iii) ULoni |
| | (iv) UMaziko |

(3 x 1) (3)

4.1.7 Xela ukuba umxholwana wothando olusekelezelwe kwinzuzo uwuphuhlise njani owona mxholo webali othi, 'Impindezelo ijikela umniniyo'. (2)

4.1.8 Ngqina ukuba intetho kaNdila ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa isikrobisa kokuza kwenzeka ebalini. (2)

**KUNYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| LONI: | Bendingazi ukuba uthando kanti sihleli nje lukhokho lobutshijolo notshaba. |
| FUNEKA: | Ubuncwane bobomi zizothuso eziza nantyilelo zimbi. |
| LONI: | Ndiyabona ndiqonda kakuhle ukuba iinyosi azinabudlelwane neempukane. *(Atsho ephakama.)* |
| NDILA: | Hayi mfo kaLoni sukugqiba ukuthetha unge uyayolela, makhe sihlinze le nkabi. *(Atsho ebeka umngxu phezu kwetafile.)* |
| FUNEKA: | Zanele, yiza nezitya sana ubeke phambi koDicksie. |
| NDILA: | Hambisa mtshana. *(Athabathe, uZanele ahambise kuselwe.)* |
| NDILA: | Ndicinga ukuba ngoku imizimba iswabulukile, kuba sesiphethe ezesibini iibhekile. |
| LONI: | Hayi mfo kaNdila uyibethe yee shwaka nengcalangcala. |
| NDILA: | Ndiyavuya ukuba elo lizwi liphume kuwe mfo kaLoni. **Wakha wathi mhlamnene utywala ziingcambu zomthombe.** |
| LONI: | *(Ebuthuka)* Ihasa alichukunyiswa, hleze ivumba lalo lonakalise umbuso. |
| FUNEKA: | Awuzi konakala, wonakalayo, ibe andazi nanto osafuna yona apha kudala sisithi canda umoya uxele utolo lwabaThwa. |
| NDILA: | Bunjani utywala mfo wethu? |
| LONI: | Bunjani kuba bebutheni phi? |
| NDILA: | Mandinibulele maqobokazana ngokundibambela le ntakazana ibindishiya. |
| LONI: | O! |
| FUNEKA: | E! |
| NDILA: | Funeka, sukuwona umhlola. |
| FUNEKA: | Akukho nto ibitheni wethu, lide eli thuba kwaye akukho phela lingazinyula emasini. |
| LONI: | Yi madoda! Kusile. *(Watsho emi ngeenyawo.)* |
| NDILA: | Waxokozela umzi wabuya wee cwaka ukuwa komthi omkhulu. Ezimiyo azikhonkothwa zinja iimoto. Wawungabazi abantu. Uyabazi ngoku. |
| LONI: | Indoda ayikhwazi ingekaphumi ehlathini mfo kaNdila. |
| NDILA: | Andisekho nasenyeleni, sendithe ngcu emantla alo. |

4.2.1 Ngubani lo abhekisa kuye uLoni xa athetha ngothando? (1)

4.2.2 Nika izizathu eziBINI zokuba uNdila athethe la mazwi abhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

4.2.3 Chaza isigwebo obunokusinika uNdila ukuba ubuyijaji uze unike nesizathu seso sigwebo. (2)

4.2.4 Xela iimpawu zibeMBINI zesimo sikaMaziko ezinganqwenelekiyo ezityhilwa ebalini. (2)

4.2.5 Nika intsingiselo yale ntetho kaFuneka '… akukho phela lingazinyula emasini' ngokwakwisicatshulwa. (2)

4.2.6 Ingaba uthando lukaZanele kuLoni lwalunyanisekile? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2.7 (a) Nika isizathu onokungqina ngaso ukuba ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Chaza ukuba esi simo sentlalo samaxesha okhanyo sisiphuhlisa njani isimo sikaFuneka. (2)

4.2.8 Cacisa indlela isihloko sale drama esizalana ngayo nezenzo zomlinganiswa onguMawonga. (3)
**[35]**

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA*– M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NOYONGO: | Nkqo nkqo nkqo! *(Ekroba)* Ndingangena Mlungu? |
| NYOKA: | *(Ephakama)* Oo-o! Nguwe Yongs? Ewe ngena sisi. |
| NOYONGO: | Molo Mlungu. |
| NYOKA | Molo molo sisi, chopha *(Emkhombisa isitulo.)* Akhonto? |
| NOYONGO: | Hayi akhonto Mlungu, sivukile nje. Akhonto kuwe? |
| NYOKA: | Hayi akhonto sisi sizonwabele nje. |
| NOYONGO: | Ithini into? |
| NYOKA: | Kuhle Yongs, kuhle kakhulu, akho kwanto. Ndiyancoma wethu. Nomntu wakho hayi. Mhle umsebenzi. |
| NOYONGO: | Utsho Mlungu? |
| NYOKA: | Yho! Hayi Yongs usebenzile sisi. Ayiyontombi yimbumbulu leya. Inene ndisuke ndayindida. Andikafikeleli sigqibeni nangoku ngalaa mntwana. Andazi nokuba mandimkhulule na aqalise ukusebenza, okanye ndikhe ndimgcine. Kodwa ekugqibeleni kuzokusetyenzwa apha. |
| NOYONGO: | Ibe kunjalo Mlungu. |
| NYOKA: | Ewe kunjalo sisi. Nam mandiyeke ukuba nentliziyo ende, mandimkhulule asebenze. |
| NOYONGO: | *(Enyevula)* Ikhomishini yam ke Mlungu. |
| NYOKA: | *(Encuma)* Uyazi kaloku Yongs, soze ndikuqhathe mna sihlobo sam. *(Ekhupha imvulophu engxoweni)* Bamba sisi, yeyakho le. |
| NOYONGO: | Ndiyabulela Mlungu. |
| NYOKA: | *(Ekhupha enye imvulophu engxoweni emnika)* Jonga sisi, yeyakhe le. Ndimongeze amashumi amahlanu eeRandi njengebhaso. |
| NOYONGO: | Kulungile Mlungu. |
| NYOKA: | Kulungile sisi. Jonga ke Yongs, kule veki izayo sisi baza kuba baninzi abatyeleli kule *hotele*, njengoko kuza kube kukho inkomfa yabatyali-mali khona apha edolophini eNgcobo. |
| NOYONGO: | Ndiyakuva Mlungu. |
| NYOKA: | Uyayazi yonke into sisi. Umvuzo wakho usezandleni zakho. Ndigqibile mna ngoku, **akayi kuphinda andibone**. |
| NOYONGO | Ndiyakuva Mlungu. |

5.1.1 Kutheni uNoyongo eze kweli gumbi likaNyoka ngale mini? (2)

5.1.2 Cacisa ukuba kutheni le ntetho ilandelayo ingeyonyani.

Uyazi kaloku Yongs, soze ndikuqhathe mna sihlobo sam. (2)

5.1.3 (a) Xela ukuba siloluphi udidi isafobe 'Ayiyontombi yimbumbulu leya' esikumgca we-11. (1)

(b) Nika intsingiselo yaso ngokwakwisicatshulwa. (2)

5.1.4 Ingaba yaphumelela injongo kaDina yokuchitha ubukumkani bukaThambolenyoka? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.1.5 Xela ukuba isukela entwenini le ncoko ikwesi sicatshulwa. (2)

5.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| **KHOLAM A** | **KHOLAM B** |
|---|---|
| (a) Hayi, sukuzihlupha nawe mene-menekazindini lomfazi ndiza kuziphumela. | (i) UGxalaba<br>(ii) UDina |
| (b) Kungokuba uthi mandithini mna Mlungu, ngoba uyagula lo mntwana, kwaye ukhulelwe | (iii) UNomhase<br>(iv) UNoyongo |
| (c) Kaloku uThambolenyoka lo kudala simphanda, sifuna ukumvalela ngobuqhokolo bakhe. | |

(3 x 1) (3)

5.1.7 Xela ukuba umxholwana okwesi sicatshulwa wokuxhatshazwa kwabantwana ngenxa yemali uwuphuhlise njani owona mxholo webali othi, 'Ububi obuyekelweyo buzala obunye'. (2)

5.1.8 Ngqina ukuba intetho kaThambolenyoka ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa isikrobisa kokuza kwenzeka ebalini. (2)

**KUNYE**

5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| NYOKA: | *(Esafixekile)* Qhuba ndimamele. Nathini ke? |
| NOYONGO: | Thina sifikelele kwiingcinga ezizezinye Mlungu. Yini Mlungu wam ukuba ube nje? |
| NYOKA: | Thethani kaloku ndimamele. Nafikelela kwiingcinga ezizezinye ezithini? |
| NOYONGO: | **Mhlawumbi khawuyisuse ingqondo yakho kulo mntwana uneempahla ezimnyama Mlungu.** |
| NYOKA: | Ndiyisuse ndiyise phi? |
| NOYONGO: | Uyisuse uyise kuKuku Mlungu. |
| NOMHASE: | Ewe kunjalo Mlungu. |
| NYOKA: | Hayi, andifuni nokuyiva leyo. Akukho Kuku unasibindi sakubulala umntu ngencula apha. Kunjalo soze. |
| NOMHASE: | Naku nje wakubetha ngebhotile Mlungu, futhi yophukela kuwe. Wathi xa afuna ukukugqibezela, eza kukuhlaba, wanqandelwa yisetyhurithi. |
| NOYONGO: | Ewe Mlungu. Wathi ukuphuma kwakhe apha ekhutshwa yisetyhurithi, wabe esifungele sonke, esithi uza kusibonisa, ngabanye ngabanye. |
| NOMHASE: | Yaba kwanguwe Mlungu, ekwathi sisithi thina makabanjiswe, wathi wena akufuni mapolisa kule nto, azakonakalisa umsebenzi wakho. |
| NYOKA: | *(Evutha ngumsindo)* Ndisatsho nangoku. Andifuni mapolisa nakule. Soze amapolisa angene kule yam ihotele. Ndifunga utata, gxebe umha – nokuba yintoni na endiyifungayo ayinamsebenzi. Soze! |
| NOYONGO: | Kungokuba kuza kude kuthiweni Mlungu? Yini Mlungu wam, ndisuka phi nawe Mlungu, usafika kule Ngcobo? Yini Mlungu wam, yini Krila, yini Thangana? |
| NYOKA: | Mamelani apha Nomhase, nawe Noyongo: ayinanto yakwenza le nto noKuku. Niyandiva? Le nto inayo yonke into yokwenza nalaa mntwana ningamaziyo, ningavumiyo nokuvuma ukuba nguye, ngokungathi uniyele emntwini. |

5.2.1 Ngubani lo uneempahla ezimnyama athetha ngaye uNoyongo? (1)

5.2.2 Nika izizathu eziBINI ezibangela ukuba uNoyongo amcenge kangaka uThambolenyoka ngokwakwesi sicatshulwa. (2)

5.2.3 Chaza isigwebo obunokusinika uThambolenyoka ukuba ubuyijaji uze unike nesizathu seso sigwebo. (2)

5.2.4 Xela iimpawu zibeMBINI zesimo sikaNoyongo ezinganqwenelekiyo ezityhilwa kweli bali. (2)

5.2.5 Nika intsingiselo yegama 'esifungele' ngokweli bali. (2)

5.2.6 Ingaba imvano kaThambolenyoka noNoyongo yayinyanisekile? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2.7 (a) Nika isizathu onokungqina ngaso ukuba ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Chaza ukuba esi simo sentlalo samaxesha okhanyo sisiphuhlisa njani isimo sikaThambolenyoka. (2)

5.2.8 Cacisa indlela isihloko sale drama esizalana ngayo nezenzo zomlinganiswa onguThambolenyoka. (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'UMNTU AKALAHLWA' nguLL Ngewu
- 'IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

**UMBUZO 6: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no EZ Guqa**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

6.1 **'UMNTU AKALAHLWA' – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

UMathidala ke ubeneenkomo ezityaliweyo kuyo yonke loo lali yaseThembeni. Imali yona ebengayikhathalelanga nganto kuba ubengawuqondi kakuhle umsebenzi wayo. Ubelima umbona, iimbotyi namazimba ngeenkomo zakhe kanti ekwasenga kwalapha kuzo. Izinto ezithengwa evenkileni bezinqabile kweli khaya kangangokuba abantwana bakhe babethande ukudlakazela nokuhleleleka phakathi kwabanye abantwana.

Unobangela wokuba iintombi zakhe ezimbini nonyana bangafundi kukuba bebesolusa loo mhlambi kuloo mathambeka aseThembeni. Ibiluvuyo olungathethekiyo kunkabi ukuba neentombi ezingaka kuba eqonda ukuba umhlambi wakhe uza kuya ukhula ngokukhula. **Ithemba lakhe letha mhla kwamitha uThandile intombi yakhe yamazibulo**. Le ntombi yehlelwe sesi siwo xa igqibezela izifundo zayo zobutitshalakazi eBhencuthi. UMathidala wambetha loo mntwana walutywantsi emxelela ukuba soze aphindele kweso sikolo, phofu enziwa kukungaqondi ukuba intombi le sele iyigqibile imfundo yayo.

Ube kwazama ukuyigocagoca eyomba ukuba leliphi eli tshivela limenzakalisileyo, wabuya nembande yesikhova nakuba bekubonakala ukuba oyena mntu onobungozi bokumenzakalisa nguyise ncakasana. Uthe ngenxa yomsindo wazikhupha neentombi zakhe ezimbini esikolweni ezithuka ezifanisa nayo yonke into eyakha yambi apha phantsi kwelanga. UMaMthi wathi akuthetha nendoda yakhe eyicenga ukuba ingabakhuphi abantwana esikolweni, wathukwa wathi shwaca oku kwakhe njengelokonya lomfazi elithwebula abantwana kwindlela eyiyo.

6.1.1 Kwakutheni ukuze uMathidala kumvuyise ukuba neentombi ezininzi? (2)

6.1.2 Cacisa ukuba kutheni ulwazi olulandelayo lungeyonyani. UMathidala wayethengisa iinkomo ukuze afundise abantwana bakhe. (2)

6.1.3 (a) Xela ukuba siloluphi udidi isafobe '… ukuyigocagoca eyomba' esikumgca we-16. (1)

(b) Nika intsingiselo yaso ngokwakwisicatshulwa. (2)

6.1.4 Ingaba waphumelela umnqweno kaMathidala ngeentombi zakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.5 Xela ukuba sasukela entwenini isigqibo sikaThandile sokuthatha oodade wabo baye kuhlala naye eMpheko. (2)

6.1.6 Tshatisa umlinganiswa okuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) 'Umfazi wam nguMaMthi?' | (i) UNomtha |
| (b) 'Hayi, mfo kabawo, umntwana uyaphazama ngeliny'ixesha.' | (ii) UMathidala |
| (c) 'Tata awukavakali, phum'egusheni.' | (iii) UMaMthi |
| | (iv) UTyhobeka |

(3 x 1) (3)

6.1.7 Xela ukuba umxholwana okwesi sicatshulwa wokuphathwa gadalala kwabantwana uwuphulise njani owona mxholo webali othi, 'Abazali mababohlwaye benoxolo abantwana'. (2)

6.1.8 Ngqina ukuba isimo sikaMathidala sokunyolukela iinkomo ngeentombi zakhe sisikrobisa kokuza kwenzeka ebalini. (2)

**KUNYE**

## 6.2 'IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI' – LL Ngewu

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Unina wesi sihelegu ubefika qho kweli gumbi lokulindela ukufa alile, phofu engaliliswa yinimba, koko elila ngenxa yobuninzi beenyembezi obubangwa kukunqaba kwabantu bokulilelwa, nakukumangaliseka kokuba kwakutheni abahlaseli bonyana wakhe bangambulali nje kuze kuthi qabu ebantwini unoQolomba efile nje. Unina ebengayithandabuzi nakancinane into yokuba unyana lo wakhe uzidlise ngobakhe. Kwaye wayezame kwakudala ukuyikhwebula le nkewu kunyawo lwayo lwemfene, koko ingafuni nokuva naxa ayicebisayo ukuba ingcibi yamanzi ifa ngamanzi, eyezikhali zizikhali.

Kwathi sekuncamekile, seziphelile iinyanga ezintlanu ingqondo ingabuyi, kwakha kwathi qwenge kulo mfo. Apho ingqondo ibuye khona into yokuqala awayithethayo kukukhwaza athi, '*Yehova wemikhosi*!' Uthe ngokubona abongikazi abamjikelezileyo bevathe ezimhlophe wacinga ukuba usezulwini. Emva kokubuyelwa yingqondo ugcinwe esibhedlele inyanga yanye, waza wakhululwa apho efe wonke umzimba wakhe, kushiyeke nje intloko.

Kunamhla akukho nto akwaziyo ukuzenzela yona, yaye umnqweno wakhe kukudibana nezinye izikrelemnqa ezisekwikhondo awayekulo, azilumkise ukuba ulunya lubiz'olunye. Isimanga sesokuba lowo wayesakuyalela abanye ukuba bangashukumisi nolunye uzwane, ezakhe iinzwane ngamaqothololo angasokuze ashukunyiswe nto.

6.2.1 Ngubani obangele ukuba isikrelemnqa sibe sesibhedlele? (1)

6.2.2 Nika izizathu eziBINI zokuba amadoda aseDikeni ashiye imizi yawo ngeempela-veki. (2)

6.2.3 Chaza indlela obuya kuvakalelwa ngayo sesi sikrelemnqa senzakeleyo ukuba ubungunina waso uze unike nesizathu soko. (2)

6.2.4 Xela iimpawu zibeMBINI zesimo seziBhovubhovu ezinganqwe-nelekiyo ezityhilwa kweli bali. (2)

6.2.5 Nika intsingiselo yegama 'ukuyikhwebula' ngokwebali. (2)

6.2.6 Ingaba oogxa besikrelemnqa esenzakeleyo babevana ngokunya-nisekileyo naso? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.7 (a) Nika isizathu onokungqina ngaso ukuba ibali liqhubeka kula maxesha okhanyo ngokwakwesi sicatshulwa. (1)

(b) Chaza ukuba esi simo sentlalo samaxesha okhanyo sisiphuhlisa njani isimo sesikrelemnqa esenzakeleyo. (2)

6.2.8 Cacisa indlela isihloko seli bali esizalana ngayo nezenzo zabalinganiswa abazizibhovubhovu. (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Lala njalo ke Madib' omkhulu nguT Yawa
- 'Intambanane' nguZ Mtumane

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

### UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maphuthi nabanye

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**LALA NJALO KE MADIB' OMKHULU – T Yawa**

Uwil'umth'omkhulu wakwaMadiba;
Isithonga sokuwa kwawo
Sivakele mbombo zonke zehlabathi;
Ladidizel'ihlabathi langa lifikelwe yincilikithi;
Zaphithizel'izizwe zanga zifikelwe yitsunami;
Yaxananaz'iminxeba yashiy'abantu bethe ng'a imilomo.
Tyhini! Yintoni le ndiyivayo, liphupha kusini na?
Axananaza amaphephandaba ndaweni zonke;
Nawo edanduluka ngazwiny'esithi 'yivan'ezi ndaba!'
Lilel'irhamb'elirhangarhanga lakwaSopitsho;
Yee shwaka'indod'enkulu yashiyek'ezintliziyweni;
Ndithetha ngotata wesizwe **ontingele** kweziphezulu iindawo.
Kazi sosela phi na laphukile nje iphiko lamanzi?
Kaz'iinkokeli zezizwe zoludimbaza phi n'ulwazi?
Kaz'ibiza kubhodl'ithini na inkunzi yaseNtabozuko ukuba ibisadl'amazimba?
Inen'ibiya kusiphul'izicith'into kaMqhayi ukuthetha ngalo mfokazi.
Sii! Kufandini ulutshaba;
Woo! Kufandini ndikugwebile;
Iimveku nazo zitsho ngesimbonono;
Kuba zilahlekelwe ngutat'omkhulu wazo.
Madi-i-i-i-ba! Sop-i-i-i-i-tsho!
Ngxwayingxway'enooxhongw'abade ngathi yingxangxosi;
Gwangqandin'elinomkhitha ngathi ngowenkab'ehashe;
Busondin'obuvath'uncum'oluncamis'umxhelo;
Chul'ukunyathel'ohamba ngobunono bekati;
Fudondin'olufakade naxa lixikixwa ziintlungu zomzimba.
Nyangandini yeKhala yowe-18 ngo-1918 ndikothulel'umnqwazi,
Ngokusizalel'indwalutho yokulwel'inkululeko;

Inqala nenzondo kuwe wayiphosa kwesinomhlwa;
Uxolel'ud'uxolele nabatshutshis' abakukhonkx'iminyak'engama-27;
Wazola waxel'imvu isisiwa ekuxhelweni.
Inen' uyinkokeli yenen'ezimbalini.
Ayikho, ingazang'ibekho, ingasayi kuz'ibekho, efana nawe;
Masiphumle ngoxolo isigidimi soxol' esingumxolelanisi.
Ewe kupoq'eyona ngqaka kwaMadiba;
Masiyiyeke yodliwa nguSombawo.
Qunundini yodum'uz'uwafukame ngesidima loo mathambo,
Amathamb'engwevu yesizwe.
Nde-ezole, cwaka, tu.

7.1.1 Chonga ibinzana kumqolo woku-1 elinika intsingiselo yokuba lo ubongwayo uswelekile. (1)

7.1.2 (a) Xela udidi lwesafobe esisetyenziswe kwimiqolo yesi-4 nowesi-5. (1)

(b) Chaza ukuba esi safobe sizisa ntsingiselo ni. (2)

7.1.3 Caphula ibinzana kumqolo wesi-7 eliveza ukuba imbongi yayingazikholelwa iindaba zokusweleka kukaMadiba. (1)

7.1.4 Xela iindlela zibeMBINI lo mphanga owaziswa ngazo ngokwemiqolo 6–8. (2)

7.1.5 Tshatisa umqolo wombongo okuKHOLAM B nenkcazelo oyivezayo ngoMadiba ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Iinkumbulo ezimnandi ngaye. | (i) Kazi sosela phi na laphukile nje iphiko lamanzi? |
| (b) Ilahleko ngokushiywa nguMadiba. | (ii) Lilel'irhamb'elirhangarhanga la kwaSopitsho; |
| | (iii) Busondin'obuvath'uncum'olunc amis'umxhelo; |

(2 x 1) (2)

7.1.6 Cacisa ukuba umqolo we-19 udlulisa umyalezo wokuba ukubhubha kukaMadiba kubachaphazele bonke abantu. (2)

7.1.7 Nika umfanekiso-ngqondweni oqulethwe ngumqolo wama-22, uze uchaze ukuba uveza ntoni. (3)

7.1.8 Tyhila umyalezo oziswa kukwalekwa kwamabinzana alandulayo kumqolo wama-33. (2)

7.1.9 Nika imfundiso yalo mbongo. (2)

**KUNYE**

7.2 Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INTAMBANANE – Z Mtumane**

Ntinga ntakandini!
Nditsho kuwe ke ntambanane,
Intak'entingel'esibhakabhakeni,
Iwujongel'ezantsi won'umhlaba,
Inge ngathi iyawuhlola.

Ndikhe ndikubon'undanda,
Maxa wamb'ud'utyityimbe,
Ube ngath'uyadlisela,
Kwabo bakubukeleyo.

Zange ndayibon'intak'ekwaz'ukum'emoyeni,
Ime ndawonye yenz'amadliselo,
Kodwa mhla ndabona wena ntambanane,
Ndabona **umhlola wemihlola,**
Umi ndawonye esibhakabhakeni,
Uxhents'utyityimba phezulu phaya.

Wena wenz'imihlali kwabany'abantu,
Bathi besakukubon'usenza le mihlola,
Bangabi nakho ukuzibamba,
**Baqhwabe izandla besombelela wena,**
Bade bakulinganise xa utyityimbayo,
Baxhentse kube buhlung' amaqatha,
Zingashiyeki nazo izithende,
Ngenxa yakho ntambananendini.

Kodwa uyafana nothekwane,
Nangon' umhle nje ukwambi,
Azonwabi iinkukhu nguwe,
Zisakukubona ziyadandatheka,
Ngenxa yobo bubi bakho.
Uyawagqib' amantshontsho azo,
Ungafika ebaleka,
De atyhobeke nasematyholweni,
Kuba ebone wena ntambanane.

7.2.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Umqolo woku-1 (uyayikhuza/uyayincoma) intambanane. (1)

7.2.2 Xela uhlobo lophindaphindo olukrwelelwe umgca kumqolo wesi-3 ukuya kowesi-4. (1)

7.2.3 Nika umfanekiso-ntelekelelo ovezwa sisitanza sesi-2. (2)

7.2.4 Xela umsebenzi wophawu loshiyelelo olusetyenziswe kumqolo we-10. (1)

7.2.5 Yintoni le imangalisa imbongi kule ntaka xa ibhabha? (2)

7.2.6 Nika intsingiselo yegama 'umhlola' ngokwakulo mbongo. (2)

7.2.7 Xela ukuba umqolo we-19 utyhila ntoni ngentambanane? (2)

7.2.8 Cacisa ukuba kutheni ulwazi oluqulethwe sesi sivakalisi silandelayo lungeyonyani ngokwakulo mbongo

Intambanane yoyikwa ziinkuku kuba imbi ngokwenkangeleko. (2)

7.2.9 Wahluke njani umoya otyalwa yimbongi kwisitanza sokugqibela xa uthelekisa nezitanza ezine zokuqala? Xhasa impendulo yakho. (4)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE 70**